



Ngenye imva kwemini eshushu yangoMgqibelo

Nombulelo Thabane and
Tessa Welch
isiXhosa

Yayiyeyona mvakwemini eshushu kakhulu ngoMgqibelo kuDisemba. Wonke umntu wayequmbile. “Bontle noMpho noLerato phumani phandle niyokudlala!” Umama watsho kuthi. “Andinifuni endleleni yam.” Sabaleka saphuma endlwini. “Masiyeni emlanjeni”, watsho uLerato. “Kupholile phaya.” “Kodwa utata wasixelela ukuba singaqubhi emlanjeni,” watsho uBontle.





“Asiz’ukuqubha”, waphendula uLerato.

“Siza kudlala nje emthunzini ecaleni kwamanzi.”

‘Kodwa ukudlala ‘ulibeke’ ngumsebenzi obilisayo, nokuba uphantsi kwemithi ecaleni komlambo.

Okokuqala sakhulula izihlangu
zethu.

Kodwa sasiseshushu.

Saza sakhulula iziketi neblawuzi.

Kodwa sasiseshushu.



Safaka iinyawo zethu emlanjeni ukuzipholisa. Saza satshizana, ngokukhawuleza saba manzi tixi ngamanzi.



“O-o! yizani! Masiqubheni,” watsho uMpho. “Utata akasoze ayazi.”
Saqubha, saqubha, salibala ngexesha.






Ilanga laqalisa ukuya ezantsi, saziva sigodola.
Zaziphi iimpahla zethu?

Sakhangela phantsi kwemithi.
Sakhangela emahlahleni.
Sakhangela kwindawo yonke.





Kwakukho iimazi zeenkomo kufutshane nomlambo, zonwabele ingca eswiti.

UBontle wajonga phezulu, “Jonga kulaa mazi yenkomo! Yintoni esemlonyeni yayo?” “Itya intyantyambo ebomvu”, wakhwaza uMpho.

“Yiblawuzi yakho!” Saza sajonga kwenye imazi yenkomo. Ihlafuna into eblowu. “Sisiketi sam!” watsho uBontle.

Saya ekhaya ngeepenti zethu, siqhaq hazela.



Kodwa ingasukuba kwakupholile.
“Yayiziimazi zenkomo,” Sakhala.
“limazi zenkomo zitye impahla
zethu.”

Kodwa umama ngaba
wasikholelwa?

Ngokukhawuleza imizimba yethu
yaba shushu kakhulu. Kwaye obo
bushushu babungaveli elangeni.




Nganye imva kwemini eshushu yangoMgqibelo

Writer: Nombulelo Thabane and Tessa Welch

Illustration: Wiehan de Jager

Translated By: Ntombizodwa Gxowa-Dlayedwa

Language: isiXhosa



© African Storybook Initiative, 2014 , 2014



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.